

SEPTEMBER 2013

24 Hour Emergency	028 313 8000/8111
Fire Brigade	028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

KUVUSELELWA KWAKHONA UMOYA WOSUKU LUKA-MANDELA

IProjekthi ezenziwe nguMasipala wase-Overstrand ngentsebenziswano nee-komiti zeewadi nemibutho yasekuhlaleni ngoSuku luka-Nelson Mandela azizange zikhuthaze nje kuphela abo bathatha inxaxheba kuzo kodwa zalumeka kwakhona umoya weSizwe soBumbano ngokutsha.

Olu suku lwamiswa ziZizwe eziMany-eneyo njengethuba lokwenza imisebenzi yobuntu, injongo ikukuba wonke ubani kufuneka achithe ubuncinane imizuzu engama-67 - umzuzu omnye kunyaka ngamnye ebomini bakhe uMandela wawunikela ekuphuculeni ubulungisa kwezentlalo, ukulingana nokukhusela amalungelo abantu - ukwenza into elungileyo eluntwini lwakhe.

Kulo nyaka, iinkxalabo ngempilo engentle yalowo wayefudula engumongameli nokuba ebegqiba iminyaka

engama-95 zizo ezikhuthaze uthatho-nxaxheba olumandla. Phantsi komxholo othi, "Thatha amanyathelo; phembelela utshintsho; yenza yonke imihla ibe lu-Suku luka-Mandela", kwaqhutywa imisetyenzana enomdla kakhulu, njengoko oku kungqineka kuvimba wemifanekiso yethu.

Overhills (umfanekiso ongasekunene) Kummandla wamatyotyombe ase-Overhills, amalungu abasebenzi be-ofisi yase-Kleinmond bachitha ixesha elithile behombisa indawo apho umasipala wayefake izixhobo zepaki yokudlala. Kwangoko bagaleleka abantwana bagcwala lo ndawo inezo zixhobo benganazanga nemozulu enesitshi, nto leyo eyamonwabisa kakhulu uMphathi weNgingqi, uCecile Jonkheid, nabasebenzi bakhe.



Imithi/inkunkuma eGansbaai

Kummandla wase-Gansbaai, umsebenzi kamasi-pala, u-TC Smith wancedisa ekugawuleni umthi omkhulu womkhawane obunileyo kwibala elingasemva kwekhaya labantu abadala i-Herberg-aan-See nokususa izijungqe zomthi zisiwa kwindawo yokulahlala inkunkuma kamasipala. Kwiindawo ezazifudula zihlelelekele ezifana ne-Beverly Hills (Blompark), iMasakhane nommandla wezindlu zenkxaso karhulumente eGansbaai, umasipala, ngentsebenziswano noMbutho wabaRhafi base-Gansbaai, wancedisa abahlali ukucoca iiyadi zabo.



Ukuhlaziya kweziko lokugcina abantwana

Amalungu ebandlo lase-Hermanus leeNkonzo zoCimo-milo noHlangulo basebenza ngaphandle belungisa igadi yeZiko lokugcina abantwana iNomzamo kummandla wase-Zwelihle xa uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie abatyelelayo ukubanika ithuba lokuphumla emva komsebenzi omhle. **Ukusuka ngasekhohlo ngu-Gcobisa Pilingane, Shane Booysen, Maluzi Nompuzo, Masixole Langatye, Wayne Haman, Carl Galant, Lovuyo Mayile no-Stanley Moses.**



IGadi kaMandela eMount Pleasant

UCeba wakwaWadi 4, u-Lianda Beyers-Cronjé, namalungu oluntu basebenzisa ixesha labo ukutyalala imithana neentyantambo eTulip Park kummandla wase-Mt Pleasant ukwenza igadi kaMadiba. Abe-Bostriver Bricks banikela ngesitena eziziqingatha neziza kusetyenziselwa ukwenza iindledlana ezigan-gathiweyo ezihamba kule paki.



Lea Goodall

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie watyelela uNkskz. Lea Goodall, umhlali wase-Hawston, ogula sisifo esingaqhelekanga esaziwa ngokuba yi-Elephantiasis.



IBhunga labafundi

IBhunga labafundi lase-Overstrand lasebenzisa uSuku luka-Mandela ukhombisa kwakhona uDonga olukwaMkelela kummandla wase-Zwelihle phantsi kokukhokelwa ngu-Alex Forsyth, ingcali yemisebenzi ebonwayo yobugcisa neyenzandla. U-Alex Forsyth (Visual Art & Craft, ovela kwiManyano yokuFundisa eyi-Enlighten). Abasebenzi beManyano yokuFundisa eyi-Enlighten nabafundi beSikolo samaBanga aPhakamileyo iQhayiya nabo bangenelela emva kokuphuma kwesikolo.



Ukucocwa kwendawo yoku-dada elwandle

Iprojekthi yokucocwa kwendawo yokudada ngoMgqibelo, umhla wama-20 Julayi, yaxhaswa kakhulu ngabahlali base-Rooi-els. Kwathuthwa iingxowa ezizele ngamaqhekeza amatye. Nangona kungenakutshiwo ngokuqinisekileyo ukuba yintoni unobangela wongcoliseko, kukrokrelwa ukuba iindawo zokudada elwandle kunye/okanye iziza zokulahlala inkunkuma kwicala elingaseKapa le-False Bay zizo ezinokubekwa ityala.

MASIBHIYOZE! IMPELAVEKI ZEMIBHIYOZO NGO-SEPTEMBER

IMINENGA ISONDELE

UMsitho weMinenga eHermanus uzakube ubhiyozela iminyaka yawo engama-22 njengombhiyozo ekuphela kwawo wobugcisa bokusingqongileyo eMzantsi Afrika. Lo mbhiyozo ucwangciselwe impelaveki yomhla wama-20 ukuya kowama-24 Septemba, lo mbhiyozo uyaphinda uthembisa uluntu ukubeka "izidalwa zasenzulwini yolwandle eqongeni zibe semehlweni oluntu ndawonye nabadlali neemvumi eziphambili".



I-Hermanus, eyaziwa ngokuba yeyona ndawo intle yokubekela iminenga ehlabathini, isindleka lo msitho kumawaka eendwendwe rhoqo ngonyaka ezithi zigxalathelane ukuza kolu nxweme bepha iliso ukutya kwaloo kwimekumbume yethu esingqongileyo yendalo ekhethekileyo, bazonwabise kwisimbo esingaqhelekanga samalungelo oMzantsi- esona sikhoniphekileyo kwiindwendwe zethu ezibekelileyo- bozonelise

ekutyeni okuluncutho nomculo, bonwabele imidlalo emininzi ekhoyo, nje kuba kusamkelwa intlakohlaza.

Ngokwendalo, iqonga leleminenga, kuloko ke kukho iNtente enkulu yoMboniso weeNtlobo zezilwanyana zaselwandle eziseNgezini. Kodwa, njengoko kulindelekile kwiindwalutho ezininzi, ezi zidalwa zasenzulwini yolwandle zithembele kwinkxaso eyodwa eyindalo yasehlabathini ukuba zikhathalele iimfuno "zoluntu": Kukho amasuntswana amaninzi okutya okumnandi aza kulukula elona chule lokutya newayini; imisitho emnandi elungiselelwe ukuphumza iintandane zemithambo, nokuba ngabantu bezemidlalo okanye abakwiminyaka apho bengakwazi ukuhlala bazinze; imisebenzi yobugcisa neyezandla ekwenza uzibuze ukuba: "Ngoku bekutheni ndingayicingi le nto?", nomculo olungele imo yabo bonke

abathandi bemibhiyozo - uyazikhethela umfutho. Ukufumana inkqubo eneenkukacha ezipheleleyo ngale misitho, qiniseka ukuba undwendwela le webhusayithi: www.whalefestival.co.za. Okanye, uqhagamshelane ne-ofisi elawula imibhiyozo kule nombolo: 028 313 0928 okanye uthumele i-imeyile ku-festival@hermanus.co.za.



ISITHETHE SISAHELELI/SISAQHUBEKA

UMbutho owaziwa ngokuba yi-Hermanus Botanical Society kwakhona ukulungele ukusindleka uMsitho wawo osele usisithethe weeNtyantyambo - umsitho apho wonke ubani ohlala kummandla we-Overberg enokubhiyozela uqobo lwemveliso yesi sithili ethunyelwa kumazwe angaphandle: iFynbos!

UMsitho weeNtyantyambo uya kusindlekwa ukususela ngomhla wama-26 ukuya kowama-29 Septemba kummandla woLondolozo lweNdlalo iFemkloof, ngenkxaso ye-Cape Whale Coast, icandelo lentengiso yezokhenketho loMasipala wase-Overstrand.

Izinto ezohlukeneyo sisinongo sobomi, okanye kudla ngokutshiwo. Kwaye ukuba uyakufuna ukuxhamla kolu hlobo lungemnandi kakhulu, yiza utyebise iliso kwiintlobo ezininzi ezikhoyo apha: iintlobo ezohlukeneyo zeentyantyambo eziqagambileyo ze-proteas nee-ericas ezithe rhwelele kumhlaba osingqongileyo ongumgxobhozo kwiHolo iFemkloof, intente enkulu ezaliswe zindawo zokuthengisa apho ungafunda lukhulu ngokuphila ubomi obubobo kwindawo esingqongileyo ye-fynbos, kunye noluhlu lwemisebenzi yobugcisa neyezandla enokukhokelela ekubeni

uzicwangcisele uluhlu lwezinto oza kuzithenga ngeKrisimesi kwiinyanga ezintathu phambi kokuba ifike... Ayinakuba mnandi lo nto?

Abalimi, nabo, mabangaphoswa yimiboniso ekwindawo yokudlalela nalapho kuza kuboniswa ngqo imisebenzi eluyilo lweegadi ezinomtsalane ezilungele iindawo ezincinane.

Kukwakho neentlobo-ntlobo zeti, ikofu, amaqebengwane nezidlo ezilula zasemini. Abantwana ke bona, kukho ihlo enonoodoli abanezandi, ndawonye neminye imidlalo emnandi, oko kuya kuqinisekisa ukuba bahlala besebenza oko.

Nazi ke ezona ndaba zimnandi ngenene. Kuya kube kuvulwe indawo yokukhulisa izityalo eziyinzalelwane yalapha ka-Jack ngalo lonke ixesha lalo mbhiyozo.

Le ndawo yemibhiyozo iza kuvala ukususela ngentsimbi ye-09:00 ukuya kweye-17:00 yonke imihla. Kubantu abadala, amaxabiso okungena yi-R15.00 kuphela. Abantwana abangaphantsi kweminyaka eli-12 bangena SIMAHLA. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyile ku-botsochermanus@telkomsa.net okanye utsalele umnxeba ku-028 3138100.

IINTYANTYAMBO EZICHULUMAN- CISAYO EKULULA UKUZILIMA

U-Rudyard Kipling wayethetha inyaniso ngokulima xa waqulunqa intetho ethi "Iintyantyambo aziziveleli nje kuba ucula 'Owu, azintle ngako', nokuhlala ethunzini". Abalimi abaphakathi kwethu bonke bangangqina ukuba lo msebenzi ufuna isakhono, ulwazi nokusebenza nzima ukuze igadi yakho ichume.

Kananjalo abalimi bazimisele ukufunda ngakumbi ngokuba yintoni kanye esebenzayo. UMasipala wase-Overstrand uxgalathelwe yintlaninge yeminxeba yabantu abancomayo nabanemibuzo okoko izityalo ezikwisiqhathanisa esikwisiphambuka esiyiSekile eVoëlklip zaqala ukuchuma.

Umtyalu wemiyezo yezityalo kamasipala, uLauren Rainbird, uthi izityalo ezichume ngokugqithisi-

leyo zezohlobo lwe-Chasmanthe floribunda, ekwaziwa ngokuba yi-suurknol.

Zombini ezi zityalo iChasmanthe floribunda var. floribunda ne-Chasmanthe floribunda var. duckittii zizityalo ezivuthuluka amagqabi, izidumbe ezikhula ebusika nekulula ukuzilima yaye zikhula kakuhle kwinqatsini yelanga okanye kwindawo enethunzi elincinane. Uhlobo lwe-duckittii, noluyinzalelwane yommandla wase-Darling, zithwala ameva anamagqabi amthubi ebusika ukuya ekuqaleni kwentlakohlaza.

Zombini ezi ntlobo zinobuchule bokonga amanzi kwiindawo ezifumana imvula ebusika yaye zikhula ngokwendalo kummandla weentyantyambo zeKapa.



UCEBA OMTSHA KWAWADI 3

Uceba osandula ukonyulwa kwawadi 3, uNkskz. Kari Brice, ubesoloko engumhlali ozibandakanyayo nosebenezayo kummandla wase-Hermanus kwiminyaka engama-21 eyadlulayo. Ngaphandle kokudlala indima kwimisitho eliqela, kwimibutho yezokhenketho neyesisa, ukwabonakalise umdla kwimicimbi kamasipala ngokusebenza kwiikomiti zeewadi ukususela ngonyaka ka-2001. Uthi uyithanda kakhulu iwadi yakhe, nequka iindawo zentlalo ezohlukene yaye kunemicimbi emininzi exabanisayo ekusoloko kufuneka iqwalaselwe. UNkskz. Brice waphumelela isihlalo ngomyinge wama-84 eevoti kwi-Democratic Alliance kunyulo lovalo-zikhewu olwalunempikiswano emandla ngoLwesithathu, umhla we-7 Agasti.

IMIHLA YOTYELELO LABAKWA-SARS UNYAKA WONKE

Utyelelo olucwangcisiweyo lwamagosa akwa-SARS ukunceda abahlali base-Overstrand kumaxwebhu abo erhafu neminye imibuzo luya kuqhubeka ngolu hlobo lulandelayo:

1 nowe-2 Okthoba 2013 kwiHolo iBanqueting
5 nowe-6 Novemba 2013 kwiHolo iBanqueting

Iiseshoni zomboniswano zingenziwa ngooLwezibini ngentsimbi ye-11:00 - 18:00 nangooLwezithathu ukususela ngentsimbi ye-09:00 - 14:00. Le shedyuli ingentla isenokutshintsha ngesiqophe, yaye ukuqinisekisa ukuba yonke into isahamba ngendlela ebicwangcisiwe ngayo, nceda uqhagamshelane no-Jolanda Hendricks (iGosa le-LED) kwa-028 313 8928 okanye nge-imeyile ku-jhendricks@overstrand.gov.za.

IIKONSATHI ZANGO-SEPTEMBER KWIHOLO YABAPHULAPHULI

Nge-3:30 emva kwemini ngoMgibelo, ngomhla -15, uluntu lwase-Overstrand luza kuxhamla kwilungelo elilodwa lokuphulaphula umbethi wevayolini onendumasi u-Zanta Hofmeyr kwikonsathi yakhe ephilekwa ngu-Elna van der Merwe. Baza kudlala iingoma nomsebenzi ka-Beethoven, uMessaen, uTchaikovsky no-Franck.

Ngobusuku bangoLwesithathu, umhla we-18, kuza kusindlekwa iKonsathi eyi-Overberg Eisteddfod Prestige, yaye uluntu luya kubona luphulaphule intlokomla yeemvumi ezisakhasayo zesithili sethu bedlala eqongeni.

Zibekela indawo eBELLINI GALLERY ngokutsalela ku-028 312 4988. Ngemibuzo ethe vetshe, tsalela uRené du Plooy kwa-082 940 4238.



Zanta Hofmeyr